# I Afrika ihleli Ayiyanga-ndawo!!

Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto

Uti " Mayibuye?" makubuye wena
Sala ukutyelwa sabona ngolopu
Ukumbule apo wawuvela kona
Ufun' Osiyazi bahlab' ezintloko

I Afrika ihleli ayiyangandawo
Kangela enceni wofik' isahluma
Kangela imitombo yamanz' isatsitsa
Kangela yonkinto imi ngendlelayo

Uti " Mayibuye? " makubuye wena
Nezizwe zomhlaba zix'witana ngawe
Zipuma e Node zipuma e Sude
Kwasempumalanga nase Ntshonalanga

Zip' intombi zenu? Izwi liyintoni.
Sigqibe lomhlaba sishweshwe zihange
Site nzwi nendlebe butywala bomlungu
Kodwa yen' umlungu akabudl' obetu

Wakonyizililo? uti " Mayibuye "
Makubuye wena uye zintilini
Uzile inzilo ye Nyanga Lemihla
Ungatyi nokutya upile ngamanzi

Zip' Intombi zenu? Ubuhle Besizwe
Sibet'onomtatsi kwa Tulandivile
Sivele ngomwele kwizigogiyane
Kumnyama namehlo ziziqedaveki

Namazulu ndiyabona amangele
Into ekuyiyo ngapantsi kwelanga
Kuti kwakufika nabazali betu
Sitshul' amak'obo singe asibazi

Ngamaz' epalele ezintlabatini
Konyana nentombi kuse kuli " Awu "
Sahamba silala kwelakonotanda
Kwipati ngepati zemizi ngemizi

Ze kwanezitixo zibe saggoboka
Sizenze amalunga ahamb' Iremente
Siti xa sivuma—Nkosi sihlangene
Siti sakupuma " Yeha! " Siqaukane

Elokugqibela manditi mawetu
Ngapandle kokuba sonke siguquke
Kuzo ezimpawu sendizibalile
I Afrika konke ayibuye Doh—

Napakade ! !

UMTETELI WA BANTU
(JOHANNESBURG)
MARCH 15th, 1924.